Stellenbosch
UNIVERSITY
IYUNIVESITHI
UNIVERSITEIT

Bafundi noogxa bam ababekekileyo

UMongameli uCyril Ramaphosa ubhengeze ngokusesikweni umhla wama29 kwekaCanzibe njengoSuku loNyulo kweli lizwe lakokwethu. Ngaphezu koko, lo mhla uwupapashe njengosuku lweholide kawonkewonke kwiRiphabhliki yoMzantsi Afrika iphela.

Ngokwe2024 Institutional Almanac, umhla wama29 kwekaCanzibe ukwithuba leemvavayo zaphakathi konyaka, thuba elo lichazwe ngolu hlobo:

a) Ithuba lovavanyo lweyeSilimela A2: Ukususela kumhla wama20 kwekaCanzibe ukuya kowe8 kweyeSilimela
b) Ithuba lovavanyo lweyeSilimela A3: Ukususela kumhla we10 kweyeSilimela ukuya kowama28 kweyeSilimela

Ngokwalo mpoposho iYunivesithi kufuneka iyiguqule imihla yovavanyo lwaphakathi enyakeni ukulungiselela iholide leyo kawonkewonke ukunika bonke abafundi beyunivesithi ithuba lokuthatha inxaxheba kwinkqubo yonyulo. Kungoku nje siyabonisana nabo babandakanyekayo kule meko. Injongo yethu kukwenza ukuba kungabikho kuphazamiseka kungako kwawo wonke amaqela abandakanyekayo. Noko kunjalo, ndibongoza abafundi ukuba baqinisekise ukuba bakhona kuzo zonke iimvavanyo ukususela ngomhla wama20 kwekaCanzibe ukuya kowama28 kweyeSilimela 2024.

Siyakwazisa ke ngoko ukuba kuza kuthunyelwa unxibelelwano oluquka konke kubo bonke ababandakanyekayo nje kwakugqitywa ukwenziwa kwethayimtheyibhile yovavanyo. Ialmanaka yeziko ka2024 (2024 Institutional Almanac) iza kuphinda ilungiswe nayo ngokunjalo.

Ngemikhulu imibuliso

Gqr Ronel Retief
IRejistra